

U VULINDLELA

XHOSA – My Soul Thirsts

UMPHEFUMLO WAM UNXANIWE



“Njengxhama litsalela emfuleni wamanzi, unjalo Thixo ukutsalela kuwe umphefumlo wam. Umphefumlo wam unxanelwe uThixo, uThixo ophilileyo.” *Ndum.42:1, 2.*

Lamazwi endumiso abhekisa nakuwuphina umntu. UThixo wasenza sangu mphefumlo nomzimba. Kanye ngale ndlela umzimba wethu olamba unxanelwe ukutya ngayo, unjalo umphefumlo ukunxanelwa uThixo, uThixo ophilileyo. Ukuba umzimba asiwondli okanye siwuseze, siya kufa sigule ukuba siwunika ukutya okungekuko okanye siwuseze izinto ezingalungileyo. Kunjalo nalapha emphefumlweni wethu, kuba umntu akaphili ngasonka sodwa kodwa nangelizwi likaThixo UYesu wathi: “Ndisisonka sobomi; lowo ozayo kum asoze alambe; nalowo okholwayo kum asoze anxanwe. Isonka sikaThixo ngulowo wehlayo evela eZulwini walinika ubomi ihlabathi. *Yohane 6:32, 35.* “Inene, inene, ndithi kuni, lowo ukholwayo kum unobomi obungunaphakade. Ndisisonka sobomi Ndisisonka sokuphila esehla sivela eZulwini. Ukuba ubani uthe

watya esisonka uyakuphila ngonaphakade. *Yohane 6:47, 48, 51.*

Wathi uYesu kumSamariyakazi ukuba ubesazi isipho sikaThixo, ubeyakucela kuye wayeya kumnika amanzi obomi asele. Wamxelela nokuba othe wasela kuwo amanzi athe wamnika wona akasoze abuye anxanwe, kodwa amanzi athe wamnika wona oba ngumthombo ompompozela ebomini baphakade. *Yohane 4:10-14.*

UYesu, ilizwi likaThixo, owaba yinyama wahlala kuthi, usisonka sokuphila esihluthisayo nguye yedwa onika amanzi obomi okususa unxano lomphefumlo wethu. Akukhonto yimbi ehlabathini enokusinika ubomi obungunaphakade yanelise ngonaphakade. Imali, ukonwaba, abafazi, amadoda, ukwaziwa imbheko, ukusela, ukuxhentsa, icuba, imithi, nayiphina enye into ayinakusi hluthisa okanye isuse unxano lomphefumlo wethu. Umntu owayesisityebi athetha ngaye uYesu wayenazo zonke ezizinto, kodwa wathi ekugqibeleni akuya esihogweni wanxanelwa ukusezwa, wanqwenela ukuba uLazaro athi nkxu incam yomnwe emanzini aphozise ulwimi lwakhe olwalusitsha, kuba wayethuthunjelwa elangatyeni lesihogo saphakade. Kodwa uLazaro wayengenakho ukumnceda.

Mhlobo wam, yeka ukuzama ukondla umphefumlo wakho ngezinto ezingento zeli hlabathi. Ziyakukhohlisa. Ziba ngathi ziyakuhluthisa zikushiye ulambhe wanxanwa ngokunga phezulu.

Koba njengokuthi olambileyo aphuphe, abone esidla, avuke ulambatha umphefumlo wakhe: njengokuthi onxaniweyo aphuphe, abone esela, avuke, nanko etyhafile, utshoba umphefumlo wakhe. *Isa. 29:8.* Ukuba akuwondli umphefumlo wakho ngesonka sobomi uwuseze kumanzi obomi angu Yesu Kristu, uya kufa. Ulonwabo lwesono asikokutya komphefumlo. UThixo wasidala wamenza umntu wangumphefumlo ophilileyo. NguThixo kuphela onokwanelisa ulangazelelo nonxano lomphefumlo wethu. Imiphefumlo yethu ikhala kuThixo, kuThixo ophilileyo, ikhalela ukuhluthiswa. Ukuba ke imiphefumlo yethu asiyivumeli ukuba ifumane ukwanela, siyaku tshabalala sifumane unxano lwangaphakathi nokulamba kuwo amalangatye angafiyo esihogo.

UYesu wehla ezulwini ukuza kondla imiphefumlo yethu ngaye njengesonka sobomi, nokuza kususa unxano lomphfumlo ngamanzi obomi. Ngale ndlela udla ngayo isonka sendalo singene emzimbeni wakho, thatha uYesu phakathi entliziyweni yakho usele uMoya Ongcwele awawuthumelayo uYesu kweli hlabathi ukuze ube ngumthombo wobomi ngaphakathi kwakho, ukukhanyisele ukomeleze ukukhokelele kuyo yonke inyaniso.

Wathi uYesu "Lowo uyidlayo inyama yam alisele igazi lam, unobomi, obungunaphakade, ndaye ndiya kumvusa ngomhla wokugqibela. Ngokuba inyama yami kukudla kwenene negazi lam lisisiselo senene. Lowo uyidlayo inyama yam alisele negazi lam, uhleli kum, nam ndihleli kuye. Esi sisonka esehlayo sivela ezulwini; lowo usidlayo esisonka uyakuphila ngonaphakade." *Yohane 6:58.*

Yamkela uYesu, isipho sikaThixo ngoku, ekukuphela kohluthisa ngokuzelelo ukulamba komphfumlo.

INYATHELO LOKUQALA LOKUYA EZULWINI

UThixo usinike indlela eqinisekileyo esikhokelela ezulwini. Sinyanzelekile ukuba siyithathe indlela asinike yona uThixo. Ileli eya ezulwini inamanyathelo amaninzi. Siza kuchaza inyathelo libe linye elibalulekileyo:-

Inyathelo lokuqala ukuya kuThixo yi "Nguquko esonweni." UYohane umbhabetizi wafundisa wathi: "Guqukani kuba ubukumkani bukaThixo busondele," *Mateyu 4:17.* Abapostile babaxelela abantu ukuba baguquke. UPetros wathi: "Guqukani nibhabetizwe nonke ngabanye." *Izenzo 2:38.* "Guqukani ngoko nibuye ukuze zicinywe izono zenu." "Guqukani kwizenzo zenu ezigwenxa nithandaze kuThixo. Ukuba ingathi mhlaumbi ixolelwe ingcinga yentliziyo yakho. Loo maxesha okungazi uThixo wayayeka ngabom kungoko uyala abantu bonke ezindaweni zonke ukuba baguquke." *Izenzo 3:19; 8:22; 17:30.* UYesu intloko yamabandla wathi kumabandla awileyo. "Khumbhula ngoko apho uwe khona uguquke. Guquka kungenjalo ndakuza kuwe insinya ndilwe nawe ngekrele lomlomo wam. Abo ndibathandayo ndiyababetha ndibohlwaye, yiba nomgqweno ngoko uguquke." *Isityilelo 2:5; 16, 21, 22.*

Ukuguquka kuthetha ukujika uye kuThixo ngokulahlala ubomi obudala besono nemisebenzi engenaziqhamo yalomhlaba, ukulandela uYesu Kristu nokwenza intando kaThixo. *Izenzo 11:21; 14:15; 17:30.* Inguquko ibheka kubo bonke aboni nabangakhohwayo, nakubo bonke abangama-Kristu ngegama behleli esonweni befile ngokwase moyeni. "Mabaguquke ezonweni zabo." *2 Amakorinte 12:21.*

Inguquko ibangela ukuba umntu asilahle isono, azilahle izithixo, ukukhafula, ubunxila, umbulo, ukuba nokuthetha ubuxoki nayo yonke imisebenzi engendawo. "Guqukani nizibuyise kuzo zonke izikreko zenu bungabi sisikhubekiso ubugwenxa benu. *Hezekile 18:30-32.* Inguquko lisango eliya elusindisweni olupheleleyo *Mateyu 3:2; Izenzo 2:37, 38.*

INGUQUKO lusizi oluloluka Thixo kuso isono. *Mateyu 26:75; 2 Korinte 7:10.*

INGUQUKO kukubuya esonweni. *Yobhi 34:32.*

INGUQUKO kukuvuma isono. *Luka 15:21; Imizekeliso 28:13.*

INGUQUKO kukuzinikela kuThixo ngokupheleleyo. *Izenzo 9:6.*

INGUQUKO kukwenza imbhuyselo. *Luka 19:8.*

UMoya Oyingcwele uyasohlwaya isono ancede ukuguqula. *Yohane 16:8.*

UMZEKELO WENXELENYE YABAGUQUKILEYO

Ukumkani uDavide waguquka waza waxolelwa. *Indumiso 51:1-11.* UDanyeli waguquka ngenxa yabantu bakhe wamva uThixo. *Dan. 9:3-11.*

Ukumkani nabantu base Nineve baguquka sasindiswa sonke eso sixeko. *Yona 3:5-10.* Unyana wolahleko waguquka waza wamkelwa nguyise. *Luka 15:21.* UPetros umpostile waguquka waza wabuyiselwa. *Mateyu 26:75.* USawule waguquka waza wangu Pawulos umpostile owaba namandla. *Izenzo 9:1-22.*

INGUQUKO EBUXOKI

Abanye abantu bayaguquka kodwa inguquko yabo ayinene. UAdam watyhola uEfa waza uEfa watyhola inyoka ngezono zabo. Ukumkani uFaro waguquka ukubaleka umgwebo kaThixo, kodwa inguquko yakhe yayingenene. *Eksodus 9:27; 10:16.* Umprofethi uBhileham waguquka, kodwa wahamba kwa kwindlela engalungileyo. *1 Numberi 22:34.* Ukumkani uSawuli waguquka kodwa kwangeloxesha wayesafuna ukuphakanyiswa azange abonakalise kusindanela isono sakhe. *1 Samuweli 15:30.* Waguquka okwesibini kungekho siqhamo senguquko yakhe. *1 Sam. 26:21.* UYuda Skariyoti waguquka ngendlela yobuxoki, wasivuma isono sakhe kubangeleli ababuxoki endaweni yokuya kuYesu, lowo waye emngcatshile. *Mateyu 27:3, 4.*

Masiguquke sisivume isono sethu kulowo simonileyo. UNyana wolahleko wabonakalisa inguquko yenene. Waphakama wazishiya iihagu nomnino ongalungileyo waya ngqo kuyise wathi: "Bawo, ndonile kulo izulu (kuThixo) nakuwe andisafanele kubizwa njengonyana wakho." *Luka 15:11-24.* Akazange atyhole omnye umntu wazityhola ngokwakhe, kodwa wayenokholo lobulungisa nothando lukayise.

INGUQUKO YENYANISO

Inguquko yenyano yaziwa ngeziqhamo nemisebenzi. Iziqhamo nemisebenzi yokholo izibonakalisa xa umoni azishiya ngenene izono zakhe abonakale elusizi ngenene ezindleleni zakhe zesono. Isela liyakuyibuyisa into eliyibileyo kumniniyo apho kukho imfuneko khona. Inxila lakulahlala utywala balo. Lowo ukholelwa kwizithixo nokuxhweleza uyakutshisa izithixo nobugqi bakhe. Indoda okanye umfazi ongathembekanga uyakubuyisela endlini

yakhe ubuhlobo obulungileyo abulahle bonke ubuhlobo besono. UZakeyu, intloko yababuthi berafu wamamkela uYesu ekhayeni lakhe wathi. "Uyabona, Nkosi, isiqingatha sempahla zam ndizinika amahlwempu nokuba ndithabathe nto kabanina ngokumtyhola, ndimbuyisela kane." *Luka 19:18.*

Umbhali wazi aboni abangamakhulu abathi, emva kokuguquka kuThixo, babuyisele zonke intlobo zezinto ezibiweyo nezize ngenzuzo engeyiyo kubona baninizo. Imali, impahla, impahla yendlu, izikhando, iigusha, iinkukhu, iinkomo iimela zanikelwa, icuba, amakhasi, izonwabiso namayeza, amadayisi, amathambo obuxhwele, imipu nezinye izinto zalahlwa. Abaninzi bacela uxolo kwabo babe bonile baza balufumana uxolo. Ngokwenjenjalo, abantu abaninzi bempahla ezazibiwe zaza zabuyiswa, nabo bafumana ukuguquka nokusindiswa.

Musa ukulibazisa, guqa ngamadolo ngoku uphalaze intliziyo yakho enemithwalo kuThixo ngenquku. Ngokwesithembiso sakhe uyakuzicima izono zakho akunike uxolo nobomi obungunaphakade.

UBUHANAHANISI

Ubuhanahanisi lukhulo lobuFarisi, olunempilo yobuthixo kodwa luwakhanyela amandla akhe. Umhanahanisi ngumntu ozenza into angeyiyo, onxiba ubuso bamaqhinga. *2 Tim. 3:5; Mateyu 23:13, 14.* Uzenza umntu ongwele kodwa uhleli esonweni sangasese. Wenza izinto ezilungileyo ukuze abonwe ngabantu afumane ukunconywa. Unxiba ingubo yobulungisa ukugquma izono zakhe ezininzi. UYesu ubafanisa abahanahanisi namangcwaba aqatywe mhlophe amahle umphandle kanti ngaphakathi abolile. Umhanahanisi uqwalasela imbonakalo yobuhle bangaphandle kunobuhle bangaphakathi. Umhanahanisi uthandaza kuThixo ngexesha lokuxakeka, lokugula nelengozi okanye xa asweleyo, kodwa xa athe uThixo wamnceda nenkathazo yedlula, akananto yakwenza noThixo, akaziniki xesha lobudlelwane uyayeka nokuthandaza. Ufana kanye noFaro owathandaza kuMoses wasivuma isono sakhe nesono sohlanga lwakhe xa kwakufike izibetho eYiputa, kodwa zathi zakuphela izibetho, yena nabantu bakhe bazenza lukhuni intliziyo zabo. *Exod. 9:27-34; 10:16-20.* Umhanahanisi uyagweba agxeke abanye abantu kakhulu ngezinto ezincinane, ngelixesha yena enetyala lezono ezikhulu. Bayakhauleza ukufumana okanye ukubona isibi esiselisweni lomzalwana wabo, babe bangawuboni umqadi okwelabo. *Mat. 7:5.* Bayazithanda izikhungu zaphandle nokugcina amasiko oluntu kodwa abaluthandi unqulo lukaThixo lomoya. *Mat. 15:2, 7, 8, 9.* Umhanahanisi uthanda ukwenza imithandazo emide esidlangaleni, kodwa akanalumanyano noThixo ngase.

Isono somhanahanisi sinzima ukunyangeka kuba sizifihla ngobulumko phantsi kwengubo zenkqubo yobukholwa. Sibangela nokuba abantu bangaphandle abangabahedeni bayithiye inkolo yobuKristu. UThixo uluthiye uhanahaniso ngentliziyo yakhe yonke. Umprofeti uIsaya wathi: "Ngubanina kuthi onokuphambukela emlilweni odlayo? Ngubanina ke



kuthi onokuphambukela emalangatyeni angunaphakade? Ohamba ngobulungisa, ethetha okuthe tye." *Isaya 33: 14-17.* "Waye umlilo uyakuwu bonakalisa umsebenzi womntu ukuba unjanina." Yeha ke kumhanahanisi owakha ngendiza, ngemithi nangenca eziya kutshiswa ngomhla womgwebo. *1 Korinte 3:12-15.* UYesu wathi: "Lilumkeleni igwele labaFarisi eliluhanahaniso. Kuba akukhonto igqunyweyo engasayi kutyhilwa; nefihlakeleyo, engasayi kwaziwa." *Luka 12: 1-3.* Sonke isahluko samashumi ama 23 kuMateyu sabhalelwa ukuyala thina ngesono sokuhanahanisa. UYesu wagxeka ababhali nabaFarisi ngenxa yokuhanahanisa kwabo. Wababiza ngokuba baziinyoka isizukulwana samapamba waza wathi: "Yeha nina babhali, baFarisi, bahanahanisi! Kuba nihlamba umphandle wendebe nesitya kanti ke ngaphakathi kuzele ukuphanga nokungazeyisi. Hlambulula kuqala okungaphakathi kwendebe nesitya ukuze kuthi okungaphandle kwazo kuhlambuluke nako. Yeha nina babhali, baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba nifana namangcwaba aqatywe ifutha athi abonakale emahle ngaphandle, kanti ngaphakathi azele ngamathambo abantu abafileyo, nokungcola konke. Yeha nina nibonakala ngaphandle ningamalungisa ebantwini, kodwa ngaphakathi nizele luhanahaniso nokuchasana nomthetho. *Mat. 23: 26-28.*

Ngemihla yokuphela, abantu bayakumka enyanisweni balandele imimoya ekhohlisayo nemfundiso zomtyholi, ukuthetha ubuxoki nokuhanahanisa, *1 Tim. 4:3; 2 Tim. 4:5.* Abanjalo abayi kuba nakusibaleka isohlwayo sesihogo.

INKULULEKO

Singathini ukuze sikhululeke kuletyhefu yokufa wobuhanahanisi? Into yokuqala kukuvumela uThixo, ngoMoya wakhe nelizwi lakhe asigwebe apho umoya wobuhanahanisi usibambhe khona. Inguquko yenene nengxelo epheleleyo yezono phambi koThixo, ukuba yimfuneko naphambi kwabantu, yingqalo yenkululeko kwesisono sikhulu sinengcambu ezenzelelo.

Masiqonde ngokuzelelo ukuba iliso likaThixo elingcwele elibona yonke indawo lisibona sonke isono nokuba siyintoni na. Singazimela emehlweni abanye abantu, sinakho nokuziqhatha, kodwa asinakuzi simqhathe uThixo. Uzazi zonke ingcinga nokusondela kwentliziyo nendlebe yakhe iva into ethethwa

emfihlakalweni. Masikhumbhule ukuba yonke ingcinga yethu iyathetha ezulwini. Asinakho ukulizimela iliso likaThixo. Akukhonto igqunyweyo ingasayi kutyhilwa nanto ifihlakeleyo ingasayi kwazeka. Ithemba lomhanahanisi liyakubhanga, ngokuba umhanahanisi akanakuma phambi kwakhe. Yintoni ithemba lomhanahanisi, xa athe uThixo wawuthatha umphefumlo wakhe? UThixo uyakusiva isikhalo sakhe zakumfikela iinkathazo? Amadini kaThixo ngumoya owaphukileyo. "Intliziyo eyaphukileyo etyumkileyo, uThixo akayi kuyidela." *Indum 51:17*. Ngoko ke ungayifumana inkululeko ngenguquko ethobekileyo nokuvuma isono kuThixo nokubuya kubomi bokuhanahanisa uhlale ubomi bomKristu onyanisekileyo apho zibonwayo iziqhamo zenguquko nezomoya.

MUSA UKUBA LILULWANE

Ilulwane lifana nentaka kodwa lingeyiyo. Lifana nempuku kodwa aliyiyo impuku. Aliyontaka lingeyiyo nempuku. Lithand ubumnyama ngaphezu kokukhanya. Lo ngumfanekiso wabantu ekuthiwa ngamaKristu aya ecaweni ngecawa, yonke iveki bahambha ebumnyameni ngokuya emidanisweni, ezibhanyaskopu ngokunxila nangokona kwehlabathi. Ngenye imini bazenza amaKristu, ngengomso bafane naboni basehlabathini abanga kholwayo. Bazenza amaKristu, kodwa ezintliziyo yweni zabo basajinga kumasiko amadala obuhedeni okukhonza izithixo, bavumela umtyholi, onguthixo welihlabathi, besenza zonke intlobo zezono. Balinga ukukhonza uThixo noSatana. Bafana nelulwane, elingeyiyo nayiphina into, bathanda ubumnyama ngaphezu kokukhanya. Musa ukuba lilulwane. Iyba ngumKristu onyanisekileyo. "Akwaba ububanda, akwaba ubushushu," watsho uThixo. "Ngenxa yokuba ke udikidiki, ungabandi, ungeshushu, ndiza kukuhlanza uphume emlonyeni wam." *Rev. 3:15, 16*.



The popular "Heart Book" with its soul-saving message is obtainable in over 500 languages. Many have found salvation even just by looking at the pictures.

Kindly write to us if you are able to assist us with further translations of our free Gospel literature, informing us of the language into which you could translate this Gospel literature. Your assistance would be appreciated.

If you have found salvation in Christ, or have been otherwise blessed through our Gospel literature, please let us know. We would like to thank God with you, and remember you further in our prayers.

For **free** Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:

EMAIL: info@angp.co.za

ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS
P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.

(A Gospel Literature Mission financed by donations)

(Reg. No. 1961/001798/08)